Isifundo 1

**27 Matshi –2 Apreli*

Kwenzeka Ntoni?

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
INd. 100:3; IZenzo 17:26; Gen. 2:7, 18–25; Gen. 1:28, 29; Gen. 3:15.

Indima Yenkumbulo:
"Wathi uThixo, Masenze uluntu ngokomfanekiselo wethu ngokufana nathi; . . . Waludala ke uThixo uluntu ngokomfanekiselo waKhe, ngokomfanekiselo kaThixo waludala; indoda nenkazana wabadala" *(Genesis 1:26, 27, NRSV)*.

Ingxelo yeBhayibhile yeNdalo yoluntu izele lithemba nolonwabo ngokugqibelela. Imini nganye yeNdalo yayiphela ngokwazisa kukaThixo ukuba kwaku"lungile." Ngokuqinisekileyo oko kwakungaquki izaqhwithi, iinyikima, iindlala, nezifo. Kwenzeka ntoni? Umhla wesithandathu weNdalo waphela ngokuvakalisa kukaThixo ukuba kwaku"lungile kakhulu." Oko kukuthi, ngenxa yokuba ngaloo mhla uYehova wenza izidalwa ngokomfanekiselo waKhe: abantu. Into awayengazange ayenze nangayiphi enye into kwingxelo yeGenesis. Ezi zidalwa, phofu, zazigqibelele ngandlela zonke; kwakufanele kube njalo. Ngapha koko, zonke zazenziwe ngokomfanekiselo kaThixo. Ngoko ke, ngokufunekayo nje, zazingaquke babulali, masela, maxoki, abanamaqhinga, nabangcolileyo kuluhlu lwazo. Kwaya kwenzeka ntoni? Isifundo sale veki siqwalasela iNdalo, kwinto awayenzayo uThixo kuqala, kwaza emva koko kwenzekayo kuloo Ndalo igqibeleleyo. Ekugqibeleni, sichukumisa kumxholo wekota: oko akwenzayo ukulungisa izinto kwakhona.

Iveki Ngokuyithi Tshazi: Ifundisa ntoni iBhayibhile ngeziqalelo? Luhlobo luni lobudlelane uThixo awayelufuna noluntu? Yayiyintoni injongo yomthi wokwazi okulungileyo nokubi? Themba lini elanikwa uAdam noEva emva kokuba bewile?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha ka-Apreli, 3.*

Amafudo Yonke Indlela Ukuhla . . .

"Ekuqalekeni uThixo wadala izulu nomhlaba" (Gen. 1:1). Usosayensi wayesanda kufundisa ngokujikelezwa kwelanga ziiplaneti, kunye nokujikeleza kwelanga umbindi womnyele, xa kwaya kwasukuma inenekazi elidala linxibe iziteki ezimnyama zentenetya lathi, umhlaba usibaca kwaye uhlali phezu kofudo. Usosayensi, ngokuqhula, wabuza ukuba ufudo lona luhleli phezu kwantoni, laza laphendula inenekazi ngelithi lihleli phezu kolunye. "Mama," waqhubeka nokuqhula usosayensi, "lona olo ufudo luhleli phezu kwantoni?" Laphendula, "Phezu kwelinye." Uthe engekaphindi ukubuza ukuba elo lihleli phezu kwantoni, umama walityityimbisela umnwe, wathi, "Mntwana wam, ungabi sathetha, ngamafudo yonke indlela ukuhla." Nokuba lihle kangakanani, elo bali linento yokwenza nowona mba ubaluleke kakhulu kubukho bomntu – indalo yeyunivesi ngokwayo. Uyintoni lo mhlaba esizifumana sikuwo singazikhethelanga ngokwethu? Sikho ngabuni apha? Sifike njani? Siyaphi kanti ekugqibeleni? Yimibuzo yokuqala nesisiseko le abantu abayibuzayo, ngenxa yokuba ukuqonda ukuba singoobani abafike njani apha kuya kuba negalelo ekuqondeni kwethu ukuba siphila njani nokuba yintoni esiyenzayo ngeli xesha silapha.

Khangela ezi ndima zilandelayo: Gen. 1:1; INd. 100:3; Isa. 40:28; IZenzo 17:26; Efese 3:9; Heb. 1:2, 10. Indima nganye, ngendlela yayo, iyiphendula njani eminye yemibuzo engasentla? Ithini ingongoma enye ezinayo zonke ngokufanayo?

Okunika umdla ngoGenesis 1:1 (okanye nangezinye iindima) yeyokuba uYehova akazami ukubonisa ukuba unguMdali. Akukho zingxoxo zinabileyo ukuzisa loo ngongoma. Endaweni yoko, ibekwe njengokulula nangokucacileyo, kungekho mzamo wakuyithethelela, ukuyichaza, okanye ukuyibonisa. Siyamkela ngokholo, okanye singayamkeli. Kanti ke, ukholo kuphela kwendlela esinokwamkela ngayo, ngesizathu esinye esilula: akukho namnye kuthi owayekho apha ukuba ayibone inkqubo yokuDala. Phofu ke, ngokwenene, yinto ebingekhe ibe nokwenzeka ukuba sibekho ekudalweni kwethu. Kanti naba bankolo yabo ingasekelwanga ntweni, nokuba imbono yabo yeziqalelo ithini, kufuneka bamkele imbono yokholo ngesizathu esinye nathi thina bendalo ekufuneka senze ngayo: akukho noyedwa kuthi owayekho ukuba asibone eso siganeko.

Noko kunjalo, nokuba uThixo ebethe masikholwe kuYe njengoMdali, akathi masikholwe engasinikanga izizathu ezilungileyo zokukholwa. Ngokuqonda ukuba ukho umncono wokholo olufunekayo phantse kuyo yonke into esiyikholelwayo, bhala phantsi izizathu zokuba yintoni evakalayo ekubeni nokholo lokuba silapha kuba uMdali wasibeka ngenjongo ukuba sibe lapha, ngokuchasene neziqalelo ezingamiliselwe ntweni ngaphandle kwengozi nje.

Ngokomfanekiselo WoMenzi (Gen. 1:27)

IBhayibhile iyaxela ukuba uThixo wabadala abantu—indoda nenkazana—"ngokomfanekiselo waKhe" (Gen. 1:27). Ngokwale ngcamango, phendula le mibuzo:

1. Kuthetha ukuthini ukuthi uThixo wasidala ngokufana naYe? Zeziphi iindlela esingu"mfanekiselo waKhe"?

---

2. Ngokwengxelo yeGenesis, ingaba ikho enye into uYehova awayenza "ngokomfanekiselo waKhe?" ngaphandle koluntu? Ukuba ayikho, kusixelela ntoni oko ngomgangatho wethu owodwa, ngokungafaniyo nenye indalo yasemhlabeni? Sifundo sini esinokusifumana kulo mahluko?

---

3. Yintoni enye enokufunyanwa kule ngxelo yokudalwa koluntu eyahlula uhlanga kuyo yonke enye into awayidalayo uYehova? Khangela uGen. 2:7, 18–25.

Nangona kufuneka sithethe ngoThixo ngokwamagama asetyenziswa ngabantu, kufuneka singalibali ukuba unguMntu ongumoya (Yohane 4:24), oneempawu zobuThixo. Into thina esingayithetha yeyokuba, kwindalo yethu yomzimba, ingqondo nomoya, sibonakalalisa ngandlela ithile uMdali wethu onguThixo, nangona phofu, kuse kuninzi okuseleyo ngaYe, ngokwakuthi, okugqumakeleyo kwimfihlelo. Noko kunjalo, iBhayibhile yona icinezela icala lomoya nelengqondo yethu. La macandelo sinako ukuwaphuhlisa siwakhulise. Kukuba yinto eyodwa kwingqondo yomntu ukwenza ukuba kukwazeke ukondla ubudlelana noThixo, nto leyo yonke enye into ekhoyo kwindalo kaThixo ekubonakala ukuba ngathi ayikwazi ukuyenza. Qaphela, kwakhona, ingxelo eyodwa yendlela uThixo awenza ngayo umfazi. Bobabini, indoda nomfazi babelana ngelungelo elingakholelekiyo lokwenziwa ngokomfanekiselo kaThixo. Ekudalweni kwabo, akukho kwanto ethetha ngokuba ngaphantsi omnye komnye. UThixo ngokwaKhe wabenza bobabini ngesakhi esinye. UThixo wabenza balingana kwasekuqaleni waza wababeka kunye kulwalamano olukhethekileyo naYe. Bobabini babenethuba elinye lokuphuhlisa izimilo abazinikwe nguThixo ngendlela eyayiza kuzisa uzuko kuYe. "NguThixo ngokwaKhe owanika uAdam iqabane. 'Wamenzela umncedi onguwabo'—umncedi ohambelana naye--owayefanelekile ukuba abe liqabane lakhe, nowayeya kuba mnye naye eluthandweni naseluvelwaneni. UEva wayethatyathwe elubambeni ecaleni lika-Adam, into eyayifuzisela ukuba wayengayi kumlawula njengentloko, okanye amnyhashe phantsi kweenyawo zakhe njengophantsi, kodwa ukuze ame ecaleni kwakhe njengolinganayo naye, ukuba athandwe akhuselwe nguye (uAdam)."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti,* iph. 46.

Lwesibini

30 Matshi

UThixo Noluntu Kunye
(Gen. 1:28, 29)

Qaphela amazwi okuqala uThixo awawathetha eluntwini, njengoko abonakala esiBhalweni. Ubalathisa kwisakhono sabo sokuqhubeka bedala, ukuvelisa ngakumbi abantu bohlobo lwabo. Ukwabalathisa emhlabeni ngokwawo, endalweni, aze abaxelele ukuba bawuzalise, bawoyise, babe nobukhosi phezu kwawo. Uphinda abolathise kwizityalo abanokuzitya. Ngokufutshane, ngokweBhayibhile, amazwi okuqala uThixo awabhekise endodeni nasemfazini anento yokwenza ngokukodwa nokunxibelelana nobudlelane kuqobo lomhlaba.

UGenesis 1:28, 29 usixelela ntoni ngeembono zikaThixo ngomhlaba lo sikuwo? Ingaba zinika ingqondo yokuba kukho into embi ngezinto eziphathekayo nokuzonwabela kwethu ezo zinto? Sifundo sini esinokusifunda kule miboniso yokuqala yembali yoluntu ngendlela esimele ukwalamana ngayo nendalo ngokwayo?

Kwakhona, ngala mazwi, uThixo uthabatha inyathelo lokuqala ukuya kulwalamano noluntu. Uthetha nabo, uyabayalela, ubaxelela into amabayenze. Kukho uxanduva olucacileyo emazwini. UThixo uthe mababe ngabaphathi phezu kwendalo entle Yena ngokwaKhe ayenzileyo.

UGenesis 1:28 uthi uThixo wabasikelela uAdam noEva. Kuthetha ukuthini oko? Lulwalamano olunjani olwalukho phakathi kwabo noMdali wabo?

UThixo wathetha noAdam noEva njengezidalwa ezinengqondo ezinokusabela kububele baKhe nokuba zibe noqhagamshelano nobudlelane kunye naYe. Kwakhona, njengezidalwa-bantwana, uAdam noEva babexhomekeke kwintsikelelo nenkathalelo yoMdali-Bawo wabo. Wababekela yonke into ababeyidinga. Babengabantu abamkela, ngokucacileyo, into abangazange bayisebenzele.

Xa sifunda ngokudalwa kwendoda nenkazana, sibona iziqalelo, ngaphambi kwesono, zohlobo lolwalamano uThixo afuna ukuba sibe nalo naYe ngoku, emva kwesono. Phinda ufunde isifundo sanamhla ubone okuhambelanayo onokufumana okusinceda ukuba siqonde indlela esinganobudlelane naYe nakwimeko yokuwa kwethu.

Emthini

"UYehova uThixo wamthabatha umntu, wambeka emyezweni we-Eden, ukuba awusebenze, awugcine. UYehova uThixo wamwisela umthetho umntu, esithi, Yonke imithi yomyezo ungayidla uyidle; ke wona umthi wokwazi okulungileyo nokubi uze ungawudli; kuba mhlana uthe wawudla, uya kufa" (Gen. 2:16, 17).

Olu vavanyo lwamnika uAdam noEva ithuba lokusebenzisa intando yabo ekhululekileyo. Lwaya labanika umngeni wokusabela kakuhle okanye kakubi kulwalamano lwabo noMdali. Sikwabonisa ukuba uThixo wabenza bazizidalwa ezinekululeko nasekuziphatheni. Ngapha koko, ukuba babengenalo ithuba lokungathobeli, wayeya kuba uYehova uzihluphe ngantoni ngokubalumkisa, kwasekuqaleni ngokungathobeli? "Yonke into ebingaphambi kwesi sahluko ibivula indlela yale ncopho [Gen. 2:16, 17]. Ikamva lohlanga lumi koku kwalelwa kunye. Umntu akufuneki aphazanyiswe bubuninzi bemiba. Mnye kuphela umyalelo kaThixo ekufuneka ugcinwe engqondweni. Ngokuyicutha ngolohlobo imiyalelo ukuba ube mnye, uYehova usinika umqondiso wenceba yaKhe. Ngaphandle koko, ukubonisa ukuba lo mthetho mnye awukho nzima, uYehova uwubeke wayama kwimvelaphi yemvume ebanzi: 'kuyo yonke eminye imithi egadini nigadla ngokukhululekileyo.'"—H. C. Leupold, *Exposition of Genesis* (Columbus, OH: Wartburg Press, 1942), vol. 1, p. 127.

Ngokuthi uAdam noEva mabathobele intando yaKhe, uThixo wayesithi: NdinguMdali wenu, ndinenze ngokomfanekiselo waM. Ubomi benu buxhaswe ndiM, kuba ngaM niyaphila, niyashukuma, ninobuntu benu. Ndinibekele zonke izinto zokuba nihlale kakuhle nonwabe (inkxaso, ikhaya, ubuqabane bomntu) ndinimisile nibe ngabalawuli balo mhlaba phantsi kwaM. Ukuba ninentumekelelo ukuluqinisekisa olu lwalamano naM ngenxa yokuba nindithanda Mna, ndiya kuba nguThixo wenu, nina nibe ngabantwana baM. Ninako ukuluqinisekisa olu lwalamano nokuthembela ngokupheleleyo kulo ngokuthobela nje lo myalelo uwodwa. Ekugqibeleni, ulwalamano lwethu noThixo lunokuba nempumelelo luhlale ixesha elide kuphela xa sithi sinyule ngokukhululekileyo ukuyamkela intando yaKhe. Ukuyala intando yaKhe, ngandlela ithile, kukufuna ukungaxhomekeki kuYe. Kubonisa ukuba sikholelwa ekubeni asimdingi. Oko kukunyula okunesiphumo sokwazi okubi, baye ububi bukhokelela ekwahlukaneni, kubulolo, kuxinzelelo, nokufa.

Uvavanyo uThixo awalunika uAdam noEva lwaye lulolokunyaniseka nokholo. Ingaba babeza kunyaniseka kuMdali wabo, owabanika konke ababekudinga, kunye nomhlaba wezonwabiso, okanye babeza kuhamba indlela yabo, ingayami kwintando yaKhe? Ingaba babeza kuba nokholo olwaneleyo kuYe ukuba benze ngokwelizwi laKhe? Ukunyaniseka kwabo nokholo kwakuza kuvavanywa ngomthi wokwazi okulungileyo nokubi. Zeziphi iindlela esiye sijongane novavanyo olufanayo yonke imihla? Umthetho kaThixo usebenza njani njengohambelana nomyalelo owanikwa kuGenesis 2:16, 17?

Lwesine

1 Apreli

Ukwaphula Ulwalamano

Sinento yokukholelwa kubantu esibaziyo size sizive singabakholelwa abo singabaziyo. UEva, ngokwendalo, wayenako ukungamkholelwa uSathana. Ukudlula apho, nakuphi ukuhlasela uThixo ngokuthe ngqo, kwakufanele ukumenza ukuba abe nokhuselo. Manyathelo mani, ke ngoko, awawathabathayo uSathana ukudlula inkuselo yendalo kaEva? (Gen. 3:1–6).

"Nangona kwakuthiyeke kangako ukugqitha umthetho kukaEva kwaye kuqulathe izikhalo ezikhulu zosapho loluntu, ukunyula kwakhe kwakungaquke uhlanga kwisohlwayo sesigqitho sakhe. Kukunyula ngabom kuka-Adam, ewuqonda ngokupheleleyo umyalelo kaThixo—kunowakhe [u-Eva] okwenza isono nokufa kube sisiphelo esiqinisekileyo soluntu. U-Eva wakhohliswa; uAdam akazange."–*The SDA Bible Commentary,* vol. 1, p. 231. Isiphumo sokukugqitha umthetho kudelelayo nokungahoyi umyalelo kaThixo, ulwalamano phakathi kukaThixo noluntu ngoku luqhawukile. Kuyekile ukuba bubudlelane obuphandle noThixo lwaba kukubaleka ngoloyiko kubukho baKhe (Gen. 3:8–10). Ubutshaba nokwahlukana kwama endaweni yobudlelane nonxibelelwano. Isono savela, zaza zonke iziphumo zaso ezibi zalandela. Ngaphandle kokuba kubekho into eyenziwayo, uluntu lwalujonge kwintshabalalo kanaphakade.

Phakathi kwayo yonke le ntlekele, athini amazwi ethemba nesithembiso awawathethayo uThixo? (Bona uGen. 3:15.)

Ilizwi elimangalisayo lokuxelwa kwangaphambili kwethemba lithetha ngobutshaba obumiselwe nguThixo phakathi kwenyoka nomfazi, phakathi kweNzala yakhe [umfazi] nenzala yayo [inyoka]. Oku kufikelela encotsheni yokubonakala koloyiso lweNzala yembewu yomfazi ethi igqebhe ngegalelo elibulalayo entloko kuSathana, logama yena [uSathana] wayeza kwanela ukugruzula nje isithende sikaMesiya. Kwimeko yabo yokungabi nakuzinceda, uAdam noEva babeza kuzuza ithemba kwesi sithembiso singoMesiya, ithemba elaliza kubuguqula ubukho babo, kuba eli themba lalinikwe nguThixo laza laxhaswa kwanguThixo. Esi sithembiso singoMesiya noloyiso lokugqibela, nokuba besibekwe ngokungacacanga kangakanani ngelo xesha, sabususa ubumnyama ababefakwe kubo kukona.

Funda uGenesis 3:9, apho athi uThixo kuAdam noEva "Uphi na?" Phofu, uThixo wayebazi ukuba baphi. Amazwi waKhe, endaweni yokuba azaliswe kukugxeka, ayeza kulutsala uluntu oluthwaxwa sisazela ukuba lubuyele kuYe. Ngokufutshane, amazwi okuqala kaThixo kuluntu oluwileyo ayethwele ithemba lobabalo nenceba yaKhe.

Lwesihlanu

2 Apreli

Ingcamango Eyongeziweyo:

IBhayibhile iyaphuphuma kukubizwa kwaboni nabahlehlileyo. Thelekisa ezi ndima: INd. 95:7, 8; Isa. 55:1, 2, 6, 7; Luka 15:3–7; Luka 19:10. Zeziphi ezinye ozifumanayo? Funda: Ellen G. White, "Indalo," amaph. 44–51; "Ukulingwa NokuWa," amaph. 52–62; no"Icebo LokuHlangulwa," amaph. 63–70, kuAmanyange Nabaprofeti. "Yayikho intshumayelo yegospile, ndiyacinga, kuloo magama mathathu njengoko ayengena kwiindawo ezixineneyo zehlathi, afikelela kwiindlebe ezithe nzwii zembacu—'Uphi?' UThixo wakho akafuni ukuba umlahleke; uze kukufuna, kungekudala uza kuza ekuQobo loNyana waKhe, engezi nje ukukufuna kodwa ukusindisa oko kulahlekileyo ngoku."—Charles Haddon Spurgeon, *The Treasury of the Bible* (Grand Rapids, MI: Zondervan Publishing House, 1962) Old Testament, vol. 1, p. 11.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ngenxa yokuba uhlobo lobubele nokukhathala alulo uThixo ilolu lubafunayo abantu, singasabela njani koku kuboniswa kothando nguYise noYesu Kristu nangoku? INkosi ilindele ukuba siphendule njani?

2. Thelekisa umfanekiso weBhayibhile wabantu njengoko bewile kwindawo ephezulu endalweni kaThixo bedinga ukuhlangulwa nobuciko be-evolushini bokuphuhla [okanye bokukhula]. Kokuphi okunika ngaphezulu?

3. Lufuneka kangakanani ulwalamano lothando kulonwabo lomntu? Kutheni ukuqhama koqhagamshelana noThixo kufuneka kulwalamano olunjalo? Xoxani ngempembelelo yolwalamano oluphilileyo lwabantu kubantu abakolo lwalamano (mzali-mntwana, mhlobo-mhlobo, myeni-nkosikazi, mqeshi-mqeshwa, njl.).

Isishwankathelo: UThixo wasidala ngokomfanekiselo waKhe ukuze ubudlelane bothando bukwazi ukubakho phakathi kwaKhe nathi. Nangona ukungena kwesono kwabuchitha ubunye basekuqaleni, uThixo uzama ukulubuyisela olu lwalamano ngecebo lokuhlangula. Njengezidalwa ezixhomekekileyo, ubomi buba nentsingiselo eyinene necaca kuphela xa singena kubunye noMdali wethu.